July 2022

Ulwazi olubalulekileyo ngokuphathelene enkcukacha yakho

Obekekileyo

Isasizo sesiganeko okusenokwenzeka ukuba sichaphazela inkcukacha yakho yobuqu

Ndibhalela ukukwazisa malunga nengxaki yokhuseleko lwenkcukacha yakho esiyifumanise nge-23 Juni 2023 ebandakanya ukunyhashwa ngokungekho mthethweni kwenkcukacha yobuqu osinike yona okanye engakuthi ephathelene nawe. Siqhagamshelana nawe ngokukhawuleza kangangoko sinokukwazi emva kwesiganeko, nasemva kokugqiba uphando lwethu, ngokwesicelo ngasinye njengoko kumiselwe yi-*Protection of Personal Information Act*, 2013 (**POPIA**).

Kwenzeke ntoni?

Ngokophando lwethu, kubonakala ukuba okanye malunga nomhlaka ka-23 Juni 2023, i-Excel spreadsheet (i-**Spreadsheet**) equlethe uluhlu lwabantu abafake amabango kwi-Tshiamiso Trust ukuze bafumane imbuyekezo enxulumene nesimangalo sesenzo seklasi se-silicosis/tuberculosis, esithunyelwe kwiSebe lezeMpilo laseMpuma Koloni (i-**ECDOH**) nge-15 Juni 2022 ibisasazeka ngo-Whatsapp isiya kumaqela angaziwayo.

Ngubani owenze lento?

Njengoko kuqapheleka obu bungozi abenziwanga ngenkqubo yethu kunoko umntu okusenokwenzeka ukuba ugunyazisiwe okanye akagunyaziswanga ukufumana le nkcukacha yobuqu wabelene nge-Excell spreadsheet ngaphadle kwemvume.

Siyaqhubeleka nokuphanda ukuze sifumane umrhanelwa. Njengoko ezi ziganeko zixhaphakile, akusoloko kulula ukufumana umntu obandakanyekayo kwesi senzo senkohlakalo. Xa nje sinokumfumana umntu obandakanyekayo ekwabeni i-spreadsheet sizosebenzisana nee-arhete zogcino-mthetho zize ziveze umazisi womrhanelwa kuphela xa ii-arhente zogcino-mthetho zicingela ukuba kuyafaneleka ukwenza kanjalo.

Yeyiphi inkcukacha ibichaphazeleka?

Iindidi ezilandelayo zenkcukacha yobuqu ebezikwi-spreadsheet zingalendlela ilandelayo:

Igama;

Inombolo yeshishini;

Inombolo yesazisi;

Inombolo yepaspoti;

Inombolo yeofisi;

Idilesi;

Inkcukacha embalwa enxulumene nemeko-bume yemeko yezonyango;

Inombolo yebango;

Imeko-bume yebango.

Akukho nkcukacha yezezimali echaphazelekayo kwi-spreadsheet. Ukongezelela, siyaqaphela ukuba ayizizo zonke iindidi zenkcukacha yobuqu ezigqityiweyo zomntu ngamnye. Ngoko ke kusenokwenzeka ukuba uluhlu oludweliswe ngenh;la lweendidi zenkcukacha, ekuphela kwenkcukacha ebifumaneka kuluhlu ikhethwe ngokudityaniswa neendidi, umz,. Igama, ifani nedilesi, kwaye inkcukacha yezonyango kusenokwenzeka ukuba ayiqukwanga..

Senza ntoni?

Ezona nkxalabo zethu eziphuthumayo ibikukuba, okokuqala, kufunyaniswe ukuba ulwaphulo lwenzeke njani, nokuqinisekisa ukuba akukho inkcukacha eyongezelekileyo eyabiwa ngendlela engagunyaziswanga. Ngokukhawuleza sazise iingcali zethu zasenkundleni ukuba ziphande umthombo wolwaphulo, njengoko kuyalelwe ngabacebisi bethu abasemthethweni kuzo zonke izinyathelo eziyimfuneko emazithathwe ukuqinisekisa ukuba bubuncinane besixa senkcukacha yobuqu echaphazelekileyo.

Iqela lethu leengcali zasenkundleni lisebenze ngokungadinwa ukususela nge-23 Juni 2022 ukuze liphande isiganeko ngokucokisekileyo. Siphinda sifune icebiso kubacebisi bethu abasemthethweni abanamava abanzi kwiimeko zokhuseleko lwenkcukacha. Sithathe amanyathelo aliqela saza sangqamanisa onke amacebiso esiwanikwe liqela lethu leengcali, aquka ezi zinto zilandelayo:

- Kucelwe iSebe leZempilo ukuba liphande ngolwaphulo ekugqibeleni kwabo;
- Kucelwe bonke abasebenzisi abangagunyaziswanga ukuba bacime baze barhoxise inkcukacha, kwaye banxibelelane ngendlela efanayo nabo bonke Ababoneleli Benkonzo abaziyo ngesi siganeko;
- Ukwandiswa kwamanyathelo okhuseleko lwe-IT, kuquka noguqulelo oluntsokothileyo xa kwabelwana ngenkcukacha yobuqu nokwanda kolwazi kunye noqeqesho lwabasebenzi kunye;
- Nokuphononongwa kwazo zonk izibophelelo zokuqinisekisa ukuba izivumelwano zokwabelana ngenkcukacha zisendaweni yazo.

Uphando lusaqhubeka.

Nangona sikwazile ukusabela ngokukhawuleza saza sanciphisa umngcipheko wokuxhatshazwa, siyalele iingcali zethu zasenkundleni nawaphi na amanye amanyathelo okunciphisa ekusenokwenzeka siwathathe ukuqinisekisa ukhuseleko lwenkcukacha ngokuqhubekayo equlethwe kwindawo yethu.

Inokusetyenziswa njani inkcukacha emalunga nawe?

Ngelixa siphumeze la manyathelo angasentla ukunciphisa iziphumo ezimbi zesiganeko ezinokubakho, Kusenokwenzeka ukuba inkcukacha yobuqu yezinye iihloko zenkcukacha sele ishicilelwe okanye igciniwe ngokungagunyaziswanga liqela lesithathu lesiganeko. Kwelinqanaba kuyacaca ukuba inkukacha efumanekileyo inomda ngokwemvelo. Siyaqhubeka nophando lwethu nabacebisi abaziingcali; nangona kunjalo kweli nqanaba kuyacaca ukuba kukho umngcipheko omncinci kwizihloko zenkcukacha ezichaphazelekayo. Elona futhe linokwenzeka linomda ekufikeleleni nasekusebenziseni iindidi ezikhankanywe ngasentla zenkcukacha yobuqu, enye ekusenokwenzeka ukuba ibisele ifumaneka kakade eluntwini.

Yintoni onokuyenza?

Kweli nqanaba, akukho sinyathelo sidinga ukuthathwa kwicala lakho. Nangona enye inkcukacha kwisiseko senkcukacha echaphazelekayo kusenokwenzeka ukuba sele iboniswe luluntu ngenxa yezinye iziganeko, ukuze kuncitshiswe umngcipheko wobungoi besazisi, unobhalisa simahla kwi- Protective Registration listing with Southern Africa Fraud Prevention Service (**SAFPS**). I-SAFPS yintlangano engeni mali enikela ingqalelo kuthintelo lobuqhopholololo ize ikhokele ekulweni nxamnye nolwaphulo-mthetho lwezimali. I-SAFPS inedisa ekuthinteleni ubuqhopholololo nasekuzenzeni omnye umntu okukhokelela ekuboneni ubusela ukuze kukhuselwe uluntu kwimiphumela enxulumene nezezimali. Ziinkqubo Zobhaliso Lokhuseleko eziqaphelisa amalungu e-

SAFPS, okuquka iibhanka, ababoneleli bamatyala ukuba isazisi sakho sichatshazelwe kwaye kufuneka kuthathwe ukhathalelo olongeelelweyo ukuze kuqinisekiswe ukuba basebenzisana nomntu onesazisi esisemthethweni. Abathengi abafuna ukufaka isicelo soBhaliso Lokhuseleko banokuqhagamshelana ne-SAFPS ku-011 867 2234.

Nceda ungathandabuzi ukuqhagamshelana nathi ku **080 1000 240** kwimeko apho ufuna nayiphi inkcukacha eyongeiweyo ngokuphathelene nesiganeko. Unokuphinda uqhagamshele uMlawuli weNkcukacha ku-inforeg@justice.gov.za okanye kwiwebhusayithi yabo (www.justice.gov.za/inforeg) ngokwenkcukacha ethe kratya.

Siyaxolisa ngako nakuphi ukuphazamiseka okusenokwenzeka ukuba kuphakame kwesi siganeko.

Ozithobileyo,

Daniel Kotton
CEO
Tshiamiso Trust